



Exploring our world through books

Have you noticed how naturally curious children are? Given the chance they will ask question after question! Use books to help them discover answers to their questions and to explore different topics together – you'll find yourself asking questions too and you'll learn things together.


Different kinds of books explore topics in different ways. Here are a few examples.

- **Realistic stories** focus on real-life problems which the characters have to solve, like how to stop someone from being bullied or how to escape a fire.
- **Biographies** tell the stories of real people, like pop stars or famous scientists. These books are written by authors who have spent time finding out about someone else's life.
- **Traditional stories** tell tales with a message or moral, like what happens if people pollute the earth's water and Mother Earth gets upset.
- **Information books** contain information and facts, for example, about the beliefs, rituals and practices of different religious groups, or how the stars and planets are formed.

When you read storybooks you usually start at the beginning and read through to the end so that you get the whole story! Information books work differently. Here are some ideas on how to share them with children.

- **On the cover.** Read the title and draw children's attention to the pictures on the cover. Can they use these to predict what the book is about? Find the author's name together – this helps to remind children that all books are written by real people!
- **What's inside?** Look at the contents page at the beginning of the book to help you choose sections that grab your children's interest.
- **Start, stop and skip.** Start by reading a part of the book that interests your children. If you've found the information they were looking for, or if they ask new questions, or if something else in the book interests them more, stop reading and skip to another part.
- **Different types of information.** Spend time looking at and discussing pictures, photographs, maps and diagrams together – they offer as much food for thought as the words on the page.

Whatever books you choose to explore with your children, enjoy the journey of discovery together!



Ukuphicotha ihlabathi lethu ngokusebenzisa iincwadi

Ukhe wayiqaphela indlela abadalwe ngayo abantwana ngokuthanda ukufuna ukwazi? Xa bathe banikwa ithuba babuza umbuzo emva komnye! Sebenzisa iincwadi ukubanceda bafumane iimpindulo zemibuzo yabo kwaye niphicothe imiba eyahlukileyo ninonke – nawe uya kuzifumanisa ubuza imibuzo kwaye ufunda izinto kunye nabo.

Iintlobo ezahlukileyo zeencwadi ziphicotha imiba eyahlukileyo ngeendlela ezahlukileyo. Nantsi imizekelo embalwa.

- **Amabali ayinyaniso** agxininisa kwiingxaki zokwenyani zobomi ekufuneka abalinganiswa bazisombulule, ezifana nokuba umntu angenza njani ukuze aphelise ukuchukushwa nokuxhatshazwa okanye angasinda njani emlilweni.
- **Amabali angobomi bomntu okanye iibhayografi** abalisa ngabantu bokwenene abafana neemvumi okanye izazinzulu ezaziwayo. Ezi ncwadi zibhalwe ngababhali

abathe bazinika ixesha bebuza kwaye befumanisa ulwazi ngobomi bomntu lowo.

- **Amabali emveli** abalisa amabali anomyalezo okanye imfundiso, enjengokuba kwenzeka ntoni xa abantu bengcolisa amanzi omhlaba aze uMzalikazi onguMhlaba acaphuke.
 - **Iincwadi ezinika ulwazi** ziqulethe ulwazi namanqaku anobunyani ngokwenzekileyo, umzekelo okuphathelile kwiinkolo, ukwenziwa nokugcinwa kwezithethe namasiko amaqela ohlukileyo ezenkolo okanye kwaziswa ukuba zenzeka njani na iinkwenkwezi kunye neeplanethi.
- Xa ufunda iincwadi zamabali udla ngokuqala ekuqaleni kwebali uze ufunde ude uyokufika ekugqibeleni ukuze ngalo ndlela ulifumane lonke ibali! Iincwadi ezinika ulwazi azifundwa ngolu hlobo. Nazi iingcebiso onokuzisebenzisa xa usabelana ngazo nabantwana:
- **Eqweqweni.** Funda isihloko uze wenze ukuba abantwana batsalwe umdla yimifanekiso eseqweqweni. Ingaba bayakwazi ukusebenzisa loo mifanekiso ukuqashela ukuba incwadi

iqulethe ntoni na? Ninonke fumanani igama lombhali – oku kunceda ukukhumbuzza abantwana ukuba zonke iincwadi zibhalwe ngabantu bokwenene!

- **Kukho ntoni ngaphakathi?** Jonga kwiphepha lesiqulatho elisekuqaleni kwencwadi ukuze sikuncede ukhethe amacandelo aza kuba nomdla ebantwaneni bakho.
- **Qala, ume ze utsibe.** Qala ngokufunda indawo enomdla ebantwaneni bakho. Ukuba ulufumene ulwazi abalufunayo okanye baqalisa ukubuza imibuzo emitsha okanye kukho ndawo ithile apha encwadini ebanika umdla kakhulu, yeka ukufunda uze utsibe ufunde kwenye indawo.
- **Iintlobo ezahlukileyo zeenkukacha.** Chithani ixesha nijonge kwaye nixoxa ngemifanekiso, iifoto, iimephu kunye nemizobo – nazo zinika umdla zivuselele neengcinga njengamagama asephepheni.

Nokuba ukhetha ukuchubelana nabantwana bakho ngazo naziphi na iincwadi, lonwabeleni uhambo lwenu lokufunda ngokufumanisa ulwazi nikunye!



Drive your imagination

Read to me. Never too early.
Never too late.
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.
Lingasokuze likushiye.





Wow! This is wonderful cheering and uplifting news for mothers! I have a three-year-old who has just started day care. She likes to be given pen and paper and just to scribble, so she will really enjoy listening to me read to her. I feel I should commend you all for the wonderful and exciting work you do. I will go to the nearest library and borrow children's storybooks because you have encouraged me to take some time off and give to my baby. I thought she was too young to understand what is going on. I am often away from her so when I get home we will do some fun reading. Thanks for the insightful tips on how to get children involved in reading even though they can't read on their own yet. I have been encouraged by you – thank you, thank you!

Ntomboxolo Fotoyi

Oh, I love the Nal'ibali website SO much! Now that I have become a gogo to a brand new baby boy, it makes my heart glad and I have already started to buy books for him. My son and daughter-in-law are both avid readers. Please keep in touch always.

Yvonne Assis

I just read two stories from Nal'ibali's mobi site to my son, Naanda, in hospital. He has a fever that won't break and has been struggling to sleep. Now he is fast asleep. Thanks Nal'ibali.

Lulamile Mzamo

We as Foundation Phase educators want to thank you for the excellent resources that you are providing in the Nal'ibali supplements. Most of our learners do not own storybooks and so this is such a treat for them. We are excited about this initiative.

E.L. Jacobs, Head of Department, Venterspost Primary

Awu! Ezi zindaba ezimnandi kakhulu nezivuselelayo koomama! Ndinomntwana oneminyaka emithathu osandul' ukuqala ukuya kwiziko lompeleso-bantwana. Uyakuthanda ukunikwa usiba nephepha aze arhoqoze ke ebhala, ngoko ke uza kukonwabela ukundimamela xa ndimfundela. Ndiyanincoma kakhulu nonke ngomsebenzi omangalisayo nochulumancisayo eniwezayo. Ndiza kuya kwithala leencwadi elikufutshane nam ndiboleke iincwadi zamabali abantwana kuba nindikhuthazile ukuba ndibekele bucala ixeshana loku endiza kulichitha nosana lwam. Bendinga ukuba usemncinane kakhulu ukuba angakuqonda okwenzekayo. Andisoloko ndihleli naye, kodwa ngoko xa ndisekhaya siza kuzonwabisa kunye ngokufunda. Enkosi ngeengcebiso malunga nokubandakanya abantwana ekufundeni nangona bengekakwazi ukuzifundela ngokwabo. Nindikhuthaze kakhulu – enkosi kakhulu!

Ntomboxolo Fotoyi

Owu, ndiyithanda KAKHULU iwebhusayithi yeNal'ibali! Njengokuba ndithe ndaba ngumakhulu wenkwenkwana esandul' ukuzalwa,oku kundenze ndanovuyo olukhulu kwaye sendiqalile ukuyithengela iincwadi. Unyana nomolokazana wam bobabini bayakuthanda kakhulu ukufunda. Ningayeki ukusoloko ninxibelelana nathi.

Yvonne Assis

Ndigqiba kufundela unyana wam uNaanda, osesibhedlele, amabali amabini aphuma kwimobhisayithi yeNal'ibali. Unobushushu obungafuni kuhla kwaye kunzima kuye ukulala. Ngoko ulele yoyi. Enkosi Nal'ibali.

Lulamile Mzamo

Thina, njengootitshala besiGaba esisisiSeko, sinqwenela ukunibulela ngezixhobo eziluncedo ezigqwesileyo enisibonelela ngazo kuhlelo lweNal'ibali. Uninzi lwabafundi bethu abanazo iincwadi zamabali kwaye ke uhlelo olu yinto emnandi kakhulu kubo. Sichulumance kakhulu leli linga.

E.L. Jacobs, iNtloko yeSebe, iSikolo samaBanga aPhantsi iVenterspost

Dear Nal'ibali...
Mhleli weNal'ibali...


Write to
Nal'ibali at: PO Box 1654,
Saxonwold, 2132, or
letters@nalibali.org

Bhalela kwi: Nal'ibali,
PO Box 1654, Saxonwold,
2132 okanye kwi:
letters@nalibali.org



What makes the sun shine? Where does water come from? Why is there day and night, and summer and winter? It's Earth Day on 22 April. Take this opportunity to marvel at our wonderful planet by sharing stories and books with your children. Not sure which books to use? Find our Earth Day recommended reads on www.nalibali.org.

Yintoni eyenza ilanga likhanye? Avela phi amanzi? Kutheni khona kukho ubusuku nemini kunye nehlobo nobusika? Ngomhla wama-22 kuTshazimpunzi luSuku loMhlaba (Earth Day). Thatha eli thuba ubuke iplanethi yethu emangalisayo ngokuthi wabelane ngamabali neencwadi kunye nabantwana bakho. Ingaba awunasiqinisekiso sokuba ufunde ziphi iincwadi? Fumana iincwadi esicebisa ukuba uzifunde ngoSuku loMhlaba ku-www.nalibali.org.



Reading club tip #5


Need a place to store the mini-books and story cards you have made from the stories in your Nal'ibali supplements? Do the earth-friendly thing and reuse ice cream containers, cereal and shoe boxes, and photocopy paper boxes and lids to store your club's reading resources.

Icebo lesi-5 leklabhu yokufunda

Ingaba ufuna indawo yokugcina iincwadana ezincinane namakhadi amabali owenze ngamabali aphuma kuhlelo lwakho lweNal'ibali? Yenza oko kungasayi kwenza monakalo emhlabeni ngokuphinda usebenzise iqweqwe le-ayiskhrim, iibhokisana zesiriyeli, iibhokisana zezihlangu, iibhokisi zamaphepha okuprinta kunye neziciko zazo ukuze ugcine izixhobo eziluncedo zokufunda kuzo.

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
 2. Fold it in half along the black dotted line.
 3. Fold it in half again.
 4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.




Umama kaSanele wayencumile xa esiza egumbini. 'Musa ukoyika, Sanele. Ngutata wakho uyarhonda!' utsho ehleka. 'Akukho ngonnyama kule ndlu.' USanele wayesoboyika ubumnyama futhi bungehli ubuthongo.



Sanele's mother was smiling when she came into the room. 'Don't be afraid, Sanele. It's just your father snoring!' she laughed. 'There's no lion in this house.' Still Sanele was afraid of the dark and couldn't sleep.

The next night, Sanele had just drifted off to sleep when she heard the sound of a lion roaring in the house. 'Mama, come quick! Come quick!' she shouted. 'There's a lion in the house!' Kubusuku obulandelayo, uSanele ebesaqala ukulala ngethuba eve ingonyama igquma endlini. 'Mama, yiza ngokukhawuleza! Yiza ngokukhawuleza!' ukhwazile. 'Kukho ingonyama endlini!'




Who's Afraid of the Dark?

Ngubani Owoyika ubuMnyama?



Dianne Stewart
Joan Rankin



We publish what we like

This is an adapted version of *Who's Afraid of the Dark?*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ngubani Owoyika ubuMnyama?*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org



INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-www.nalibali.org



Drive your imagination

Fold

USanele wayesaboyika ubumnyama. Iiyure ngeeyure, ngunguqukile ebhedini yakhe phambi kokuba abibe bubuthongo.

Still Sanele was afraid of the dark. For hours she tossed and turned in her bed before she fell asleep.

Sanele was afraid of the dark. She did not like to see night cover the earth like a blanket.

'I'm afraid,' Sanele cried to her mother. 'It's so dark in my room and there are monsters under my bed.'

USanele wayeboyika ubumnyama. Wayengathandi ukubona ubusuku busogquma umhlaba njengengubo. 'Ndiyoyika,' uSanele ulilele umama wakhe. 'Kumnyama kwigumbi lam futhi kukho iigrogro phantsi kwebhedini yam.'



The night after that Sanele did not want to go to bed and begged her mother to let her stay up later. But her mother said, 'I'll sit by your side and hold your hand until you go to sleep. I did this when you older sister could not sleep.' Kubusuku emva koko, uSanele akafunanga ukuya ebhedini yakhe waze wacele umama wakhe ukuba amyeke akhe ahlale, angalali. Kodwa umama wakhe uthi, 'Ndiza kuhlala ecaleni kwakho, ndibambe isandla sakho de ulale. Ndandisenza oku xa usisi wakho omdala engakwazi ukhlala.'

... I'm no longer afraid of the dark. ... andisaboyiki ubumnyama.'



With her hand resting in her mother's warm fingers, Sanele fell asleep.
But she woke later, 'Mama, I'm scared,' she cried, going into her parents' room.
Ngesandla sakhe esiphumle ngapheszu kwemihwe eshushu kumama wakhe, uSanele wabwa bubothongo, walala.
Kodwa uvukile kamva, 'Mama, ndiyoyika,' watsho ekhala, esiya kwigumbi labazali bakhe.



From then on, Sanele's black kitten slept beside her on her bed.

'My cat's my best friend,' she said excitedly. 'When I can't sleep at night, I reach out and hold him. Do you know what, Mama? With my kitten next to me, I fall asleep easily and...'



Ukususela ngoko, intshontsho lekati elimnyama likaSanele lilala ecaleni kwakhe ebhedini yakhe.

'Ikati yam ngumhlobo wam wenene,' utshilo evuya. 'Xa ndingakwazi ukulala ebusuku, ndiyayithatha ndiyibambe. Uyazi Mama? Xa ndinentshontsho lam lekati ecaleni kwam, ndilala ngokulula futhi...'

Her mother opened the curtains and looked into the night.
'It's just a branch scraping against the window. Tomorrow I'll cut off that branch from the avocado tree,' she said.
'I'll help you,' said Sanele.
Umama wakhe uvule ikhethini waze wajonga ebumnyameni.
'Lisebe nje elibethe efestileni. Ngomso ndiza kulisika eia sebe elisuka kumthi we-avocado,' utshilo.
'Ndizakuncedisa,' utshilo uSanele.



'No child,' said her mother, bending over to look under the bed. 'There's nothing there, Sanele. Only dust. No monsters. I'll leave the light on for you. Now go to sleep.'

But Sanele was still afraid of the dark and couldn't sleep.



'Hayi sana lwam,' utshilo umama wakhe, egoba phantsi kwebhedini. 'Akukho nto apha, Sanele. Kukho uthuli kuphela. Akukho grogro. Ndiza kushiya isibane sikhanyisile. Lala ngoku.'

Kodwa uSanele wayengayekanga ukoyika futhi engakwazi ukulala.




'Mama, come quick.
There's someone at my
window.'
'Mama, yiza
ngokukhawuleza.
Kukho umntu
efestileni yam.'

The next night, there was a great storm and while lying awake, Sanele heard tapping at the window.



Kubusuku obulandelayo, kwabakho iinkqwithhelo waze wathi ephelwe bubuthongo enjalo, uSanele weva into ebetha efestileni.

Fold  6



In the morning, Sanele, her mother and a neighbour were drinking tea in the kitchen. 'My cat has just had kittens,' said the neighbour. 'I can't keep them. I'll have to give them away.' Sanele's eyes sparkled. 'Please can I have a kitten, Mama?' Her mother frowned and then smiled. 'Oh, all right then,' she said.

Kusasa, uSanele, umama wakhe nommelwane babephunga iti ekhishini. 'Ikati yam ifumene amantshontsho ekati,' utshilo ummelwane. 'Andikwazi ukuwagcina. Kuya kufuneka ndiphise ngawo.' Amehlo kaSanele amenyezela. 'Ndicela intshontsho lekati, ndincede Mama.' Umama wakhe ufinge iintshiyi waphinda wancuma. 'Kulungile ke,' utshilo.



Sanele chose a tiny black kitten from her neighbour's litter of kittens.

USanele ukhethe intshontsho elincinci lekati elimnyama kumantshontsho ekati kammelwane wakhe.



Get story active!

Many children are afraid of the dark. Reading stories about characters who also have this experience can help them. After you and your children have read *Who's Afraid of the Dark?*, try out some of these ideas.

- Talk about the story with your children. Ask them what they think Sanele was afraid of. (If they need help with this, suggest that they look carefully at the pictures in the book.) Are they afraid of these things too? Are there other fears that they have? Discuss how Sanele dealt with her fear of the dark. Remind your children that you are always there to support them.
- Read an information book suited to your children's ages about what causes day and night.
- Encourage your children to draw or paint pictures of the things they are most afraid of. Help younger children to write what they want to about their pictures. Let older children try writing by themselves.
- Help your children to each write "My plan for dealing with fear". Together write down the steps they will follow the next time they feel afraid. Then encourage them to refer to the plan when they feel afraid.



Yenza ibali linike umdla!

Abantwana abaninzi bayaboyika ubumnyama. Ukufunda amabali anabalinganiswa ababoyikayo ubumnyama kungabanceda. Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi *Ngubani Owoyika ubuMnyama?*, zamani ezi ngecebiso zilandelayo.

- Thethani ngebali nabantwana. Babuze ukuba bacinga ukuba uSanele wayesoyika ntoni. (Ukuba bafuna uncedo ukuphendula lo mbuzo, bacebise ukuba bajonge ngocoselelo emifanekisweni esencwadini.) Ingaba nabo bayazoyika ezi zinto? Ingaba zikhona ezinye izinto abazoyikayo? Xoxani ngendlela uSanele ajongana ngayo nokoyika kwakhe ubumnyama. Bakhumbuze abantwana bakho ukuba usoloko ukhona ecaleni kwabo ukuze ubaxhase.
- Funda ukuba yenziwa yintoni imini busenziwa yintoni ubusuku kwincwadi yolwazi elungele ubudala babantwana bakho.
- Khuthaza abantwana bakho bazobe okanye bapeyinte imifanekiso yezinto abazoyika kakhulu. Nceda abantwana abancinane babhale oko bafuna ukukubhala malunga nemifanekiso yabo. Bavumele abadala ukuba bazame ukuzibhalela ngokwabo.
- Nceda abantwana bakho ukuze umntwana ngamnye abhale "Isicwangciso sam sokujongana nokoyika". Ninonke bhalani phantsi amanyathelo abaza kuwathatha kwixesha elizayo xa besoyika uze ubakhuthaze bazikhumbuze ngesicwangciso sabo xa beziva besoyika.




Make your own puzzle!

1. Cut out the picture below.
2. Paste it onto cardboard, for example, a flattened cereal box.
3. Cut along the red lines to create the puzzle pieces.
4. Have fun putting the puzzle together.



Zenzele eyakho iphazili!

1. Sika ukhuphe lo mfanekiso ungezantsi.
2. Wuncamathisele kwikhadibhodi, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli eyenziwe yasibaca.
3. Sika ulandela imigca ebomvu ukwenza iphazili.
4. Zonwabeleni nidibanisa iphazili yenu nindawonye.



Story corner

Here is the last part of the story about Mini Meerkat and the THING for you to read aloud or tell.

Mini Meerkat makes a friend (Part 2) Retold by Joanne Bloch

Mini Meerkat rushed past Rabbit, who was fast asleep, but stopped when she reached Jackal. "Help!" she panted. "There's a THING in the pool! What shall I do?"

"Don't worry," said Jackal, "take a big stone with you and show it to the THING! That will frighten it away!"

So Mini Meerkat picked up a big stone and returned to the pool. But when she got to the middle of the tree bridge and looked down at the THING, it was holding a stone too! She dropped the stone and ran back along the tree bridge until she reached the foot of the tree in which Owl was snoozing. "Owl, Owl!" she called in a squeaky, scared voice. "Help me! There's a THING in the pool! What shall I do?"

"Hmmm," said Owl thoughtfully. "Take a stick with you and show it to the THING! That will do the trick!"

So Mini Meerkat found herself a big, long stick, and returned to the tree bridge. But when she held the stick in the air and looked down at the water, she saw that the THING was holding a big stick too! Terrified, Mini Meerkat ran home and told Mama Meerkat what had happened.

"Don't worry, little Mini," said Mama Meerkat in a soothing voice. "I know exactly what you need to do. After you've had a rest, go back down to the pool. When you get to the middle of the tree bridge, look down at the water again, but this time, when you see the THING, smile at it!"

"Smile?" asked Mini Meerkat surprised. She could hardly believe what her mother was saying.

"Yes, smile," said Mama Meerkat. "I promise you it will work."

So later, when Mini reached the middle of the tree bridge, she looked down and smiled. To her great surprise, the THING smiled back at her in the friendliest possible way! Mini Meerkat waved at the THING and it waved back at her. Mini was thrilled!

That evening, after Mini Meerkat had told Mama what had happened at the pool, Mini said, "I think the THING wants to be my friend!" Then Mini Meerkat thought for a while and said, "But Mama what is the THING?"

So Mama Meerkat told her. What do you think Mama Meerkat said?



Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Imifanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise malunga noMini Gala kunye neNTO.

UMini Gala wakha ubuhlobo (Inxalenye 2) Libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch

UMini Gala wadlula engxamisele kuMvundla owawulele yoyi, kodwa wema akufika kuDyakalashé. "Ndincedé" watsho ekhefuzela, "kukho INTO equleni! Ndenze ntoni?"

"Ungazihluphi," watsho uDyakalashé, "thatha ilitye elikhulu uze uyibonise lona laa NTO! Oko kuza kuyoyikisa ibaleke!"

UMini Gala wachola ilitye elikhulu wabuyela equleni. Kodwa uthe akufika embindini womchankatho wajonga phantsi ejonga INTO, waza wayibona iphethe ilitye nayo! Waliphosa ilitye waza wabaleka echankatha emthini, wade wafika phantsi komthi apho iSikhova sasilele khona. "Sikhova, Sikhova!" wakhwaza esoyika. "Ndincedé! Kukho INTO equleni! Ndenze ntoni?"

"Hmmm," satsho iSikhova sicinga. "Thatha intonga uze uyibonise yona INTO leyo! Oko kuza kukunceda!" satsho.

UMini Gala wafumana intonga ende waza wabuyela emthini ongumchankatho. Kodwa uthe akuyiphakamisa intonga yakhe wajonga ezantsi emanzini wayibona INTO iphethe intonga enkulu nayo! Esoyika, uMini Gala wabaleka wagoduka waze waxelela uMama uGala konke okwenzekileyo.

"Ungakhathazeki, Mini wam omncinane," watsho uMama uGala ngelizwi elithuthuzelayo. Ndiyazi kanye into ekufuneka uyenze. Emva kokuba uphumile, uze uphinde uye equleni. Xa ufikile esizikithini somchankatho, uze ujonge ezantsi emanzini, kodwa kwesi sihlandlo, xa uyibona INTO uze uyincumele!"

"Ndiyincumele?" wabuza uMini Gala othukile.

Wayengakukholelwa okuthethwa ngumama wakhe.

"Ewe, uze uyincumele," waphendula uMama uGala. "Ndiyakuthembisa iza kukunceda le nto ndikuxelela yona."

Ngoko ke, ekuhambeni kwexesha, akufika uMini esizikithini somchankatho wajonga phantsi wancuma. Kwenzeka okungalindelekanga, INTO yamncumela nayo uMini ngeyona ndlela ikholisayo! UMini Gala wawangawangisa ngesandla sakhe yaza neNTO yenza kwangokunjalo. UMini wavuya kakhulu!

Ngobo busuku, emva kokuba uMini Gala ebalisele umama wakhe ngoko konke okwenzekileyo, uMini wathi, "Ndicinga ukuba INTO ifuna ukuba ngumhlobo wam!" UMini Gala wacinga umzuzwana. "Kodwa Mama, yintoni laa NTO?"

Ngoko ke, uMama uGala waya wamxelela. Ucinga ukuba uMama uGala wathini?

In your next Nal'ibali supplement:

- How you will know that your child is developing as a reader
- Ideas to use at your reading club
- Mini-book, *Finding Aunt Joan*
- A read-aloud story, *The girl who didn't want to grow up*

Can't wait until next week for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ungazi njani ukuba umntwana wakho uzibonakalisa ukuba ngumfundi
- Iingcebiso onokuzisebenzisa kwiklabhu yokufunda yakho
- Incwadana encinane, *Ukufumana uMakazi uJoan*
- Ibali onokulifunda ngokuvakalayo, *Intombazana encinane eyayingafuni kukhula*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ukuze ndifumane ezinye iingcebiso ngamabali, amabali amatsha neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali. Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye u-www.nalibali.mobi.